



Story Power

Isikhokelo sokuqhuba
inkqubo elungiselelwe iholide
yokufundela ukuzonwabisa



Maliba

Siyanamkela!

Ingaba ufuna ukubonisa abantwana ukuba ukufunda yinto abanokukwazi ukuyenza naphi na nanini na? Ingaba ufuna ukuqinisekisa ukuba abakuboni ukufunda njengento eyenzeka nje eziklasini zabo kuphela? Ukuqhuba inkqubo yeholide ejoliswe ekufundeleni ukuzonwabisa yeyona ndlela igqwesileyo yokwenza oku!

Ngexesha leeholide zesikolo abantwana bayakwazi ukuphumla kubekho neenguqu esiqhelweni sezinto abadla ngokuzenza. Ngoko ke, iiholide zesikolo lixesha elililo lokuba abantwana balotyelwe ekufundeni, okanye bagcinwe beqhelene nokufundela ukuzonwabisa!

Xa ufuna ukwazi malunga nendlela yokuqhuba inkqubo yokufundela ukuzonwabisa elungiselelwe iholide, esi sikhokelo seStory Power silungiselelwe wena kanye! Kuso uza kufumana iingcebiso malunga nokucwangcisa nokuqhuba inkqubo leyo, kwanezinye iimbono malunga nemisebenzi eyonwabisa ngayibandakanya.

Sijoyine ekugcineni abantwana benomdla wokufunda unyaka wonke.

Kutsho iqela lakwaNal'ibali

CISHE NDALIBALA: Esi sikhokelo siyafumaneka ngazo zolishumi elinanye iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika. Lindela ezinye izikhokelo ezikuthotho lweStory Power! Zikhangele ezi zikhokelo ku-www.nalibali.org.

- Ukubundukunywa kwengqikelelo kunye nolawulo
- Iwale projekthi: The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (iPRAESA)
- Oguqulele esiXhoseni: Mlamli Matshingana
- Ukuhlela nokulungisa iimposiso: Pumeza Ngobozana
- Ukuzotywa kwemifanekiso yabalinganiswa bakwaNal'ibali: Rico
- Odizayinileyo: Magenta Media
- Ukuveliswa nokudidiyelwa kobuncwadi: Baseline Publishing Services
- Inxaso-mali yokuxuma eli phulo inikezelwe yiUnited States Agency for International Development



Okungaphakathi kwesi sikhokelo

- Yintoni inkqubo elungiselelwe iholide yokufundela ukuzonwabisa 3
- Ukucwangcisa nokuqhuba inkqubo elungiselelwe iholide 4
- Iimbono ezi-15 zenkqubo elungiselelwe iholide..... 6

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe malunga nokuphinda uwusebenzise kwaye/ okanye uwusasaze lo msebenzi, qhagamshelana nabakwaNal'ibali:

The Nal'ibali Trust

Suite 17-201, Building 17


Waverley Business Park, Wycroft Road

Mowbray, 7700

Umnxeba: (021) 448 6000

I-imeyile: info@nalibali.org

Yintoni inkqubo elungiselelwe iholide yokufundela ukuzonwabisa?



Ukufundela ukuzonwabisa akufanelanga ukuba kuphele xa iiklabhu zokufunda zisathathe ikhefu! linkqubo ezilungiselelwe iholide zinokunika abantwana amathuba okuqhubeka bonwabele kwaye bephicotha amabali ngexesha leeholide zesikolo.

Kwiinkqubo ezilungiselelwe iholide zokufundela ukuzonwabisa kusoloko kugxininiswa ekufundeleni ukuzonwabisa! Imisebenzi eyinxalenye yezi nkqubo ijoliswe kwinqongo enye kuphela: ukuvuselela nokumiliselela uthando lokufunda namabali ebantwaneni.

Zininzi izinto ezixhanyulwayo kwiinkqubo ezilungiselelwe iholide ezigxininisa ekufundeleni ukuzonwabisa. Nazi ezinye zazo.

- ★ linkqubo ezilungiselelwe iholide zineda abantwana ukuba bakubone ukufunda njengento oyenzayo xa uzihlalele nje, uphumle. Ukubona ukufunda njengento eyenziwayo nangexesha lokuzonwabisa lelona nyathelo libalulekileyo ekuncedeni abantwana ukuba bakuthande ukufunda naxa bebadala.
- ★ liholide asingomaxesha adla ngokuxakeka kakhulu. Oku kuthetha ukuba lininzi ixesha elikhoyo lemisebenzi yokufundela ukuzonwabisa kunaxa izikolo zisavuliwe. Ngoko ke, iinkqubo ezilungiselelwe iholide zingaqhutywa ngokungangxamisekanga nangokupholileyo kwaye zinokuthatha ixesha elidana yonke imihla kuneeseshoni zeklabhu yokufunda ezenziwa ngexesha lesikolo.

- ★ Abantwana abangekabingawo amalungu eklabhu yokufunda banokubandakanywa kwiinkqubo ezilungiselelwe iholide. Oku kubazisa okanye kubabonisa indlela anelisa ngayo amabali neencwadi kwakunye nokufunda. Oku kubakhuthaza ukuba bathande ukufunda kwaye bangade bakhuthazeke ukuba bajoyine iiklabhu yokufunda!
- ★ linkqubo ezilungiselelwe iholide zigcina abantwana bexakekile kwaye bonwabile, bekwindawo ekhuselekileyo neyolisayo. Ezi nkqubo zibaluleke kakhulu ngakumbi xa abazali bephangela, nakwiindawo apho kungekho nto ininzi yakwenza ebantwaneni ngexesha leeholide zesikolo.

Abantwana bazibandakanya neenkqubo ezilungiselelwe iholide zokufundela ukuzonwabisa hayi kuba benyanzelisiwe okanye bethenjisiwe ngezinto ezithile. Bazibandakanya nezi nkqubo kuba bekonwabela oko kwaye iyinto ebanelisayo leyo.

Unokufumana iinkcukacha ezithe vetshe malunga nale mithombo yolwazi kwisikhokelo seStory Power 1, nesifumaneka ku-www.nalibali.org.



Ukucwangcisa nokuqhuba inkqubo elungiselelwe iholide

Lilonke ngoku ugqibe ukuba uza kuqhuba inkqubo elungiselelwe iholide yokufundela ukuzonwabisa! Akukho ndlela inye ichanekileyo yokwenza oku. Sebenzisa oko kutsala umdla kuwe malunga namabali kunye neencwadi ukuze uncedakale ekuyileni inkqubo eyonwabisa neyuselelayo ebantwaneni.

Kodwa nokuba ukhethe yiphi na imisebenzi, kubalulekile ukuba uyicwangcise kakuhle. Nazi ezinye iimbono ezinokukukhokela.

★ **Ngubani?** Inkqubo ezilungiselelwe iholide zinokuququzelelwa ngabazali, oosothala, ootitshala, iinkokheli zeeklabhu zokufunda okanye abafundi bamaziko emfundo aphezulu. Akunyanzelekanga ukuba uzimele ngenkqayi elangeni kule nto! Fumana amavolontiya akuncedise. Cela abantu abadala abathanda amabali nokufunda ukuba bazibandakanye kwinkqubo le xa iyonke okanye benze loo misebenzi bazincutshe kuwo, njengokubalisa amabali okanye ezobugcisa njengokuxonxa nokuzoba.

★ **Bangaphi?** Sebenzisa inani lamavolontiya akhoyo nokwazileyo ukuwafumana ukukunceda ukuba uthathe isigqibo ngenani labantwana abaza kuba yinxalenye yenkqubo yakho yeholide. Abantwana abalishumi kumntu ngamnye omdala basebenzisa kakuhle kakhulu. Nangona kunjalo uza kubona wena ukuba mawenze njani kuba eso ayisosigxina. Ukumbule ukuba abanye abantwana bangangezi yonke imihla, nto leyo eyakwenza ukuba ngezinye iimini kubekho abantwana abaninzi kunoba ubucwangcise.


★ **Phi?** Inkqubo elungiselelwe iholide unokuyiqhubela kuyo nayiphi na indawo ekhuselekileyo nenkulu ngokwaneleyo – esikolweni, kwithala leencwadi, kwiholo yoluntu, ecaweni, kwimoskhi okanye etempileni. Zama ukukhetha indawo engazukunyanzelisa ukuba wena nabantwana nisoloko nibambe ucwangco, nithule kakhulu – kunzima ukuthi cwaka xa nonwatyiswe ngamabali!

★ **Intoni?** Kuza kufuneka ubenamabali oza kuwabalisa noza kuwafundela kuqala, kwakunye nezinye izinto nje oza kuzifundela abantwana. Zama ukufuna izinto zokufunda ezininzi kangangoko unako, njengeencwadana zemifanekiso, iinoveli, iincwadi ezinolwazi, imibongo, izicengcelezo neemagazini. Oku kuza kuqinisekisa ukuba wonke umntu uyayifumana into ayithandayo yokufunda. Mhlawumbi uza kudinga neminye imithombo yolwazi eyongezelelweyo kweminye imisebenzi oyicwangciseleyo, umzekelo, amaphepha; amakhadibhodi; imathiriyeli enokusetyenziswa

kwakhona efana neebhokisi zesiriyeli, iikhathoni zamaqanda neziciko zeebhottle; iikhrayoni ezityibekayo; iikhrayoni zepensile; iikhokhi; izikere, iglu; ipeyinti neebrashi; intlama yokudlala nodongwe. Izinto ezifana neziqwempu zamalaphu, izikhafu, iminqwazi neemaskhi zizixhobo eziluncedo xa kulinganiswa amabali.

Iingcebiso ezingokucwangcisa

1. Yenza inkqubo yemisebenzi eza kulandelwa yosuku ngalunye. (Kukho umzekelo wenkqubo enjengale okwiphepha elilandelayo.) Khetha iindidi ezahlukileyo zemisebenzi ukwenzela ukuba inkqubo isoloko inika umdla. Uninzi lwale misebenzi lungangqamana namabali owakhethileyo, kodwa unokubandakanya neminye nje imisebenzi yokufundwayo neyokubhalwayo. Khumbula ukuba uninzi lwabantwana baza kuza rhoqo, ngoko ke qinisekisa ukuba unamabali ohlukeneyo, iingoma ezohlukeneyo nemidlalwana eyohlukeneyo. Ziqhelise amabali nemisebenzi oyikhethileyo ukwenzela ukuba wazi kakuhle ukuba ziza kuthatha ixesha elingakanani na.
2. Bhengeza inkqubo yakho elungiselelwe iholide kwiintlanganiso zabazali esikolweni, kumaphephandaba nakwiibhodi zezaziso ezikumathala eencwadi, kwiiklinikhi nasezikolweni.
3. Ququzelela usuku lokusayina ukwenzela ukuba wazi inani labantwana abaza kuthatha inxaxheba kwinkqubo leyo. Oku kuza kukunceda ukuba wazi imithombo yolwazi ekufuneka uyisebenzise nomawubenayo. Mema abazali nabanye abalondolozisi labantwana ukuba beze kubhalisa abantwana babo malunga nesithuba seeveki ezimbini phambi kokuba uqale. (Ukhona umzekelo wefomu yokubhalisa kwiwebhusayithi ethi, www.nalibali.org, okanye unokuziyilela ifomu nje yakho eyahlukileyo.)
4. Cwangcisa kakuhle indlela oza kwenza ngayo ukuba indawo eniza kuhlanguanela kuyo ibukeke. Cinga ngendlela oza kucwangcisa ngayo iindawo eziza kuthi cwaka ukwenzela ukuba abantwana bakwazi ukubuka okanye bafunde iincwadi ngokwabo, kwakunye nezinye nje iindawo ezifanele imisebenzi oyicebayo.



Umzekelo wenkqubo elungiselelwe iholide



	NgoMvulo	NgoLwesibini	NgoLwesithathu	NgoLwesine	NgoLwesihlanu
09:00–09:15	Ingoma yo-1	Umdlalwana wo-1	Isicengcelezo	Ingoma ye-2	Umdlalwana we-2
09:15–09:30	Umsebenzi wokutshayelela (Ukuzazisa: iphepha le-6)	Umsebenzi wokutshayelela (Ukuzikhethela: iphepha le-6)	Balisa ibali	Ukufunda ngokuvakalayo ibali le-3: ukufundela ngokuvakalayo iqela lonke	Ukufunda ngokuvakalayo ibali le-4: ukufundela ngokuvakalayo iqela lonke
09:30–10:00	Ukufunda ngokuvakalayo ibali lo-1: ukufundela ngokuvakalayo iqela lonke	Ukufunda ngokuvakalayo ibali le-2: ukufundela ngokuvakalayo iqela lonke	Ukuthetha ngebali: ingxoxo ngebali lanamhlanje	Ukuthetha ngebali: ingxoxo ngebali lanamhlanje	Ukuthetha ngebali: ingxoxo ngebali lanamhlanje
10:00–10:45	Ingxoxo yamaqela amancinci: Isihloko: Amabali esiwaziyo; amabali esiwathandayo	Ezobugcisa ezinxulumene nebali lanamhlanje	Ezobugcisa nokubumba ezinxulumene nebali lanamhlanje	Ezobugcisa nokubumba ezinxulumene nebali lanamhlanje	Umsebenzi wedrama onxulumene nebali lanamhlanje (Ukulinganisa ibali ngokwamaqela)
10:45–11:00	Ixesha lesinekhi nelokuya ngasese				
11:00–11:45	Umsebenzi obhalwayo (Ukuyila udonga lwebali: iphepha le-7)	Umsebenzi obhalwayo onxulumene nebali lanamhlanje (Ukubhalela omnye wabalinganiswa)	Umsebenzi wedrama onxulumene nebali lanamhlanje	Umsebenzi obhalwayo (Ukwenza iincwadi: iphepha le-6 / Ukuyila ivili lebali: iphepha le-7)	Ukwenza amabali (Ukongeza amanye amagama: iphepha le-6)
11:45–12:05	Ukuzifundela iincwadi wedwa kunye/okanye ngababini	Ukuzifundela iincwadi wedwa kunye/okanye ngababini	Ukuzifundela iincwadi wedwa kunye/okanye ngababini	Ukuzifundela iincwadi wedwa kunye/okanye ngababini	Ukuzifundela iincwadi wedwa kunye/okanye ngababini
12:05–12:15	Phinda ingoma yo-1 uze uvalelise	Phinda ingoma yo-1 uze uvalelise	Phinda ingoma yo-1 okanye isicengcelezo uze uvalelise	Phinda ingoma yo-1 neye-2 okanye isicengcelezo uze uvalelise	Phinda ingoma yo-1 neye-2 okanye isicengcelezo uze uvalelise

limbono ezi-15 zenkqubo elungiselelwe iholide



- 1. Ukuzazisa.** Lungiselela oku ngokusika ukhuphe nayiphi na imifanekiso emikhulu ephuma kwiimagazini okanye kumaphephandaba uze uyincamathelise emaphepheni amakhulu. Emva koko bhala imibuzo emithathu ngasemva komfanekiso ngamnye, noza kusetyenziswa ngabantwana ukuzazisa kwabanye, umzekelo, "Ungubani igama lakho? Wenza ntoni ukuzonwabisa? Leliphi ibali olithanda kakhulu?" Emva koko sika umfanekiso ngamnye ube zizicwilana ezine, uze ubeke izicwilwana zonke zemifanekiso kunye epakethini. Qalisa umsebenzi ngokuyalela umntwana ngamnye ukuba athathe isicwili esinye somfanekiso epakethini. Bayalele ukuba bakhangele abanye abantwana abathathu abanezicwilana zokugqibezela umfanekiso wabo bandule ukuphendula imibuzo bekunye.
- 2. Ukuzikhethela.** Zoba okanye ufune imifanekiso yezinto ezimbini, umzekelo, intyatyambo netshokholethi. Yixhome ivele imifanekiso ukwenzela ukuba bonke abantwana bakwazi ukuyibona. Yahlulahlula abantwana babengamaqela uze ubayalele ukuba baxoxe ngento ibenye abanokuyikhetha ukuba kunokubayimfuneko ukuba bakhethe kwezo zimbini, baze banike nesizathu sokuba bakhethe oko bakukhethileyo. Yalela umntwana omnye kwiqela ngalinye ukuba abalisele wonke umntu ngobekuxoxwa ngako kwiqela lakhe.
- 3. Ukucula nokudlala.** Iingoma, izicengcelezo nemidlalo ziindlela ezonwabisayo zokuqala ibali nokufinyeza usuku. Fundisa abantwana iingoma, izicengcelezo nemidlalwana enaniyidlala, nithetha ngayo nenaniyicule nisebancinci, kunye neminye abayaziyo. Culani iingoma ngeelwimi zasekhaya zabafundi bonke nangezinye iilwimi ezingaba ziyaziwa.
- 4. Ukufunda nokubalisa amabali.** Funda ngokuvakalayo ze/okanye ubalise amabali rhoqo uze emva koko uzinike ixesha lokuncokola ngaloo mabali nabantwana. Phinda unike abantwana ithuba lokufunda kwakhona okanye bazifundele bebodwa okanye bengababini.
- 5. Ukwenza iincwadi.** Yenzani iincwadi ngokudibanisa amaphepha angabhalwanga ngesiteyipla uze uyalele abantwana ukuba bakusebenzise oku ukuyila iincwadana zabo zamabali. Abantwana abadala bona banokuzoba, ze bazibhalele ngokwabo kuzo. Abancinci bona abantwana banokuzoba imifanekiso yabo engebali uze ke wena emva koko ubhale amazwi ebali elo abakuxelela wona. Bayalele ke bafundelane iincwadi zabo ngokwabo!
- 6. Ukwenza iincwadi zealfabhethi.** Kwenze oku nabantwana abancinci okanye umeme abantwana abadadlana bazokwenzela oku umntwana omncinci abamaziyo. Bhala unobumba ngamnye wealfabhethi kwiphepha elizimeleyo ze uwadibanise ngesiteyipla ukwenza incwadi. Emva koko yalela abantwana bazobe okanye bakhangele imifanekiso yezinto eziqhelekileyo ezingonobumba ngamnye, umzekelo, umfanekiso weApile u "A" weApile.
- 7. Ukufakela amagama athile.** Bonisa abantwana incwadana yemifanekiso engenamagama uze ubayalele ukuba basebenzise imifanekiso ukwenza amabali ohlukileyo amaninzi kangangoko banako!



8. **Ukuyila udonga lwamabali.** Sebenzisa udonga ukuxhoma imisebenzi yabantwana kuloo ndawo nifundela kuyo. Nika abantwana amaphepha, iikhrayoni neepensile uze ubayalele ukuba babhale kwaye bazobe malunga namabali abawonwabeleyo. Xhoma umsebenzi wabo obhaliweyo nemizobo eludongeni.

9. **Ukuyila imenyu.** Yalela abantwana bazibone bememe oyena mlinganiswa bamthandayo osezincwadini zabo zamabali, bemmemela kwisidlo sasemini okanye ukuza kuphunga iti kunye nabo. Bayalele ukuba babhale imenyu yoko kuza kutyiwa ngulo mlinganiswa wabo kuquka nokuselwayo.

10. **Ukuyila ivili leballi.** Yahlulahlula abantwana babengamaqela uze unike iqela ngalinye iphepha elinesangqa esikhulu esahlulahlulwe sangamacala amathandathu alinganayo – oku kweorenji. Yalela umntwana ngamnye kwiqela ngalinye ukuba aqalise ngokubhala ibali aze/ okanye azobe isiqalo sebali kwicala ngalinye elikwisangqa. Mabatshintshisane abantwana ukubumba nokufakela ebalini ngokubhala kwamanye amacala esangqa lide ibali ligqitywe. Emva koko ke mabalinike ibali labo isihloko baze bonwabele ukulifunda kunye!

11. **Ukurekhoda iinkumbulo.** Yalela abantwana ukuba bazobe imifanekiso, okanye basebenzise iifoto, okanye basike ze bakhuphe amagama kumaphephandaba nakwiimagazini, baze bafakele awabo amagama abazicingele ona ukuyila iipowsta ezithiywa igama elithi: linkumbulo zam.

12. **Ukuqikelela into elandelayo eza kwenzeka ebalini.** Bayalele abantwana ukuba basebenze bengamaqela, balinganise umboniso osebalini owaziwa ngumntu wonke bengathethi, ukuze ke amanye amaqela aqashele isihloko sebali elilinganiswayo.



13. **Ukubhala nokulinganisa.** Khetha elinye lamabali avela kwinkqubo elandelwayo nelungiselelwe iholide. Ukunye nabantwana, bhalani phantsi okuthethwa ngumlinganiswa ngamnye, uze ke uyalele abantwana ukuba bakhethe umlinganiswa abafuna ukumlinganisa. Banike izixhobo zokulinganisa, ezifana nezinqwempu zamalaphu, iminqwazi, izihlangu okanye iimpahla uze ubayalele ukuba balinganise ibali.

14. **Ukusingatha iindwendwe.** Mema ababhali, abazobi, ababalisi-mabali nabadlali beqonga ukuba baze kuthetha nabantwana, babelane nabo ngamabali.

15. **Ukukhupha abantwana.** Khupha abantwana, baye kubukela umdlalo weqonda okanye bandwendwele ithala leencwadi lasekuhlaleni, okanye bandwendwele indawo enento yokwenza neballi obubabalisele lona okanye ebebelifunda bekunye.

Ukuze ufumane eminye imisebenzi yokufundela ukuzonwabisa efumaneka kwezinye izikhokelo zethu zeStory Power, ndwendwela ku-www.nalibali.org.

Nxibelelana noNa'ibali

Yiba yinxalenye yesixokelelwano sikaNa'ibali uze usebenzise amandla amabali ukuvuselela abantwana ukuba bafune ukufunda nokubhala.

Ndwendwela amaqonga ethu ahlukileyo aqulethe imithombo kunye neengcebiso zokufundela-ukuzonwabisa, ze ufumane namabali abantwana afumaneka ngeelwimi ezili-11.

Iintlelo zikaNa'ibali

Fumana uhlelo lwakho lokufundela-ukuzonwabisa olubhalwe ngeelwimi ezimbini kwiphephandaba le*Sunday World*, i*Sunday Times Express*, i*Daily Dispatch* kunye ne*The Herald*. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org.

UNa'ibali kunomathotholo

Phulaphula iinkqubo zikaNa'ibali kunomathotholo kwizikhululo zosasazo zikawonkewonke kwijelo losasazo leSABC, uze wonwabele amabali abantwana ngazo zoli-11 iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika! Ndwendwela ku-www.nalibali.org ukuze ufumane **isicwangciso seentsuku namaxesha akunomathotholo** ngawo uNa'ibali.

www.nalibali.org

Ndwendwela **iwebhusayithi** kaNa'ibali ukuze ufumane simahla amaxwebhu eengcebiso, iiblog zelitheresi, iingcebiso ngokufunda kunye namabali abantwana.

www.nalibali.mobi

Iingcebiso ngokubalisa amabali kunye nokufunda, inkxaso yeeklabhu zokufunda kwakunye namabali angeelwimi ezili-11 zaseMzantsi Afrika – zifumaneka **kwiselula** yakho!

WeChat

Ndwendwela iwebhusayithi yethu ufumanise ukuba ungazikopela njani uWeChat ukuze ufumane amabali kunye neengcebiso zithunyelwe **kwiselula** yakho. Okanye, skena le khowudi yeQR.



Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)